

**U**kuthembeka konikezelo lwamanzi ngoomasipala kumakhaya kuMzantsi Afrika uphela kungama-68% kuphela, nangona iSebe leza-Manzi noGutyulo liqhubekile nokuzama ukuphelisa ukusilela konikezelo lwamanzi kule minyaka idlulileyo.

USekela Mphathiswa weza-Manzi noGutyulo u-David Mahlobo uthi oku kungenxa yeziseko ezingundoqo ezindala, ukungabikho komsebenzi nokulungiswa kwenkqubo zamanzi, kunye nokungahlangani kakuhle kweenkqubo zolwakhiwo lwezindlu kunye neeprojekthi zophuhliso lweziseko ezingundoqo ezikhoyo ngoku.

“Kuyinkxalabo enkulu ukuba ubonelelo lonikezelo lwamanzi oluthe-mbekileyo lubonisa iimpawu zokwehla,” utshilo.

Njengelizwe elinqongopheleyo ngamanzi, uMzantsi Afrika uphakathi kwamazwe angama-30 awomileyo

# Indlela yokulondoloza amanzi

ehlabathini. Uninzi lwamanzi elizwe luvela kwimvula, kodwa ngomlinganiselo obhaliweyo wemvula ongaphantsi kwama-40% ngaphantsi komyinge wehlabathi wonyaka, ilizwe lihlala lichatshazelwa yimbalela. Nangona kunjalo, isebe linamacebiso malunga nokonga amanzi.

## Ukongama amanzi kwikhaya okanye kwishishini lakho

- Cima itepu phakathi kokuhlamba ubuso bakho, ukuxukuxa amazinyo akho okanye ukutsheva.
- Ukuhlamba ngeshawa imizuzu emihlanu ngosuku endaweni yokubhafa kuya kusebenzisa isinye kwisithathu samanzi okuhlamba ebhafini, ukonga ukuya kutsho kwiilitha ezingama-400 ngeveki.
- Ukuhlamba ngeshawa kunokusebenzisa ukuya kutsho kwiilitha

ezingama-20 zamanzi ngomzuzu, kanti ukubhafa kunokusebenzisa phakathi kweelitha ezingama-80 kunye ne-150 zamanzi kwibhafu nganye. Ukuba ukhetha ukuhlamba, musa ukuyigcwalisa ibhafu.

- Kuphephe ukugungxula indlu yangasese ngokungeyomfuneko. Lahla iithishu, izinambuzane kunye nanye inkunkuma emgqomeni kunendlu yangasese. Ngalo lonke ixesha ugungxula indlu yangasese, kusetyenziswa iilitha ezili-12 zamanzi.
- Lungisa indlu yangasese evuzayo kungenjalo inokumosha ukuya kutsho kwiilitha ezingama-100 000 zamanzi ngonyaka omnye.
- Sebenzisa “amanzi angwevu” — amanzi asetyenzisiweyo asuka kwiibhafu, koomatshini bokuhlamba kunye nezinye iindawo ezikhuselekileyo ukugungxula

indlu yakho yangasese.

- Musa ukugcwalisa ngokugqithisileyo okanye ukucoca ngokugqithisileyo idama lakho lokuqubha.
- Iiketile akufuneki zigcwaliswe ukuya kutsho phezulu kodwa ngamanzi anele nje iimfuno zakho. Oku kuza kunciphisa ityala lakho lombane kanaanjalo.
- Sebenzisa ibhakethi kunokuhlamba imoto yakho ngombhobho. Ukuba kufuneka usebenzise umbhobho, sebenzisa isitshizi esinokucinywa phakathi kokutshiza imoto. Ukusebenzisa umbhobho wesitiya kungasebenzisa iilitha ezingama-30 zamanzi ngomzuzu.
- Abalimi kufuneka baqinisekise ukuba bagcina izitshabalalisi eziyityhefu kude nemithombo yamanzi kunye nemisinga.
- Abantu abahlala emaphandleni kufuneka balumke bangasebenzisi umlambo

okanye unxweme lomlambo njengendlu yangasese.

## Esitiyeni

- Soloko unkcenkeshela izityalo zakho ngeeyure zasekuseni okanye ngokuhlwa, xa amaqondo obushushu epholile.
- Ngalo lonke ixesha ubilisa iqanda, yonga amanzi aphilileyo ukuncenkeshela izityalo zakho zasekhaya. Ziza kuzuza kwizondlo ezikhutshwe kwiqokobhe.
- Amanzi ophahla nawo angagcinwa ngenzuzo ematankini, ukuncenkeshela izityala.
- Sebenzisa “amanzi angwevu” -- amanzi asetyenzisiweyo asuka kwiibhafu, koomatshini bokuhlamba kunye nezinye imithombo ekhuselekileyo -- ukuncenkeshela isityala sakho. **U**

Ngeenkukacha ezongezekileyo, tyelela u- [www.dws.gov.za](http://www.dws.gov.za)